Sibuze imibuzo yakho

1. Ngubani onokwenza isicelo sembuyekezo?

Abasebenzi baseMayini bangoku nabangaphambili abebesebenza kwimisebenzi ebabeka emngciphekweni ngeli xesha lifanelekayo lokwenziwa kwesicelo, ukusukela kumhla we-12 kuMatshi 1965 ukuya ngowe-10 kuDisemba 2019, nabathe ngenxa yokwenza lomsebenzi ubabeke emngciphekweni bafunyanwa yi-TB enxulumene nomsebenzi okanye i-Silicosis.

Jonga uluhlu lweemayini ezifanelekayo kunye namaxesha azo apha.

2. Wakhethwa njani kwaye kwakutheni kuze kukhethwe umhla we-12 kaMatshi 1965?

Lo mhla wakhethwa kuba uhambelana nendlela yolawulo entsha eyaqalisa, yaze ttttyangeniswa phantsi kwe-Mines and Works Act 27 of 1956 ("Nkala and Others v Harmony Gold Mining Company Limited and Others, Paragraph 51").

3. Kutheni kwakhethwa umhla we-10 kaDisemba 2019 njengomhla ekuqaliswa ngawo?

Olu lusuku ekwafezekiswa ngalo umqathango wokugqibela ongaphambi kwesivumelwano sembuyekezo. Kule meko abaphicothi-ncwadi kufuneke bathumele isaziso kubantu abakhethe ukuphuma kwesi sivumelwano.

4. Ndingajonga njani ukuba ndiyafaneleka?

Ungajonga iinkcukacha zakho ku-https://www.tshiamisotrust.com/status-check okanye ufowunele inombolo yeziko leminxeba u- **080 1000 420** ukuba useMzantsi Afrika okanye dayela u-**00 27 10500** 6186 ukuba ungaphandle koMzantsi Afrika.

5. Ingaba unokontraka obesebenza kwimayini yegolide efanelekayo ngeli xesha lifanelekayo uyakwazi naye ukungenisa ibango?

Ewe, ukuba uye wafunyanwa yi-TB enxulumene nomsebenzi okanye yi-Silicosis ngexesha ebesenza umsebenzi ombeke emngciphekweni, kwimayini yegolide efanelekayo ngeli xesha lifanelekileyo.

6. Yintoni umsebenzi obeka emngciphekweni?

Umsebenzi obeka emngciphekweni ngumsebenzi obhencisa iimpilo zabasebenzi basemayini kuthuli lwe-silicka olunokubangela i-silicosis kunye ne-TB. I-Silicka ifunyanwa kumatye egolide kwaye ukuyomba kukhupha olu thuli lwesilika. Abasebenzi basemayini abasebenza kwiimayini zegolide, ngaphantsi komhlaba okanye kwimiphezulu enothuli baba ngabona babhencekileyo kuthuli lwesilika.

7. Ingaba le mbuyekezo ibhekisa kuphela kubasebenzi basemayini abebesebenza phantsi komhlaba?

Hayi, ibhekisa kubo bonke abasebenzi basemayini abathe bafumana i-silicosis okanye i-TB yentliziyo nemiphunga ngenxa yokwenza umsebenzi obeka emngciphekweni kwenye yezi mayini zifanelekayo phakathi komhla we-12 kuMatshi 1965 nowe-10 kuDisemba 2019 nabonakalelwe ngamajelo okuphefumla ngenxa yoko. Umsebenzi obeka emngciphekweni uquka iintlobo ezithile zomsebenzi wangaphezulu apho abasebenzi basemayini bebebhenceke kuthuli lwe-silika.

8. Ingaba ndinganakho ukwenza ibango egameni lomzali wam obhubhileyo?

Ewe, abaxhomekeke kumsebenzi okanye umthunywa welifa likamfi bangangenisa ibango. Kufanele kuphawulwe ukuba, nangona kunjalo, ibango elenzelwa umsebenzi wasemayini owabhubha ngaphambi komhla we-10 kuDisemba 2019 liya kufaneleka kuphela ukuba unobangela wokubhubha ongundoqo kuthiwa yi-silicosis okanye yi-TB, okanye kukho isatifikethi esivunyiweyo se-ODMWA okanye ezinye izinto ezibekelwe ecaleni. Qhakamshelana neziko leminxeba ukuze ufumanise ukuba ngawaphi amaxwebhu oza kuwadinga.

9. Ingaba ndiyahlawula ngokufaka ibango okanye ngokukhawuleziswa kokusetyenzwa kwebango lam?

Hayi, inkqubo yamabango yeTrasti yenziwa mahala. Uze ungahlawuli mntu ukuba akufakele ibango okanye umntu othembisa ukuba uza kukhawulezisa le nkqubo yebango lakho. Ngamagosa eTrasti kuphela agunyazisiweyo yi-Trust Deed ukuba ancedise ukusebenza amabango kwaye afumanise ukuba ingaba ibango liyazifezekisa na iimfuno zembuyekezo. Iindleko EZISENOKUFUNEKA zihlawulwe ngabafaki bamabango zezoHlolo lweZonyango lweSibonelelo (Benefit Medical Examination - BME), KODWA kuphela UKUBA umsebenzi wasemayini wenze uMsebenzi Obeka eMngciphekweni ngaphantsi kweminyaka eyi-5 kwiMayini eFanelekayo. Nangona kunjalo, ezi ndleko ziya kubuyekezwa ukuba lo

Sibuze imibuzo yakho

msebenzi wasemayini ufumaniseka efanelekile ngokwezonyango. Oku kuchaziwe kwi-Trust Deed.

10. Ingaba iTrasti seyke yahlawula amabango?

Ewe, oko sihlawula amabango ukusukela ngoDisemba 2020. Ungayijonga inkqubela yethu apha: https://www.tshiamisotrust.com/information/progress-report/.

11. Kutheni amabango ethatha ixesha elide nje?

ITrasti ifumana amawaka amabango kwaye ibango ngalinye lifakwa kwinkqubo enamanyathelo ayi-8 njengoko kuchaziwe kwi-Trust Deed. Le nkqubo yenziwa ngononophelo kwaye ifuna ixesha elininzi kwiqela elincinci labantu abenza lo msebenzi. Ukubona la manyathelo asi-8, cofa kule linki: https://www.tshiamisotrust.com/information/how-to-claim/

12. Kuthetha ntoni ukungafaneleki?

Oku kuthetha ukuba ibango aliphumelelanga kwaye alizifezekisi iimfuno ezimiselwe yi-Trust Deed. Oku kungangenxa yezizathu onokuzibona kule linki oya kuyifumana kwi-SMS.

13. Kutheni ndingafanelekanga kodwa i-MBO ibindihlawulela i-TB/i-Silicosis?

I-MBOD kunye neTshiamiso Trust yimibutho emibini ezimeleyo, ngamnye unemigaqo-nkqubo yawo kunye neemfuno ekufuneka zifezekiswe kwaye zithotyelwe ukuze lowo wenza ibango afeneleke ukuze abuyekezwe komnye wale mibutho okanye kuyo yomibini.

14. Zithini ezi mfuno zilandelwayo ukuze kufunyaniswe ukuba yimalini endiza kuyifumana?

Ukukhutshwa kwentlawulo kuya kuxhomekeka kukuqatsela kokonakala ngokusisigxina kwamajelo okuphefumla okubangelwa sesi sifo semiphunga sibuyekezwayo sabasebenzi basemayini, nakwimbali yakhe yengqesho ngexesha ekwimayini efanelekayo nengafanelekiyo.

15. Ingaba le mbuyekezo iyaphinda-phindwa ukuba kuqinisekisiwe ukuba ndifumene i-TB okanye i-silicosis?

Hayi, le ntlawulo yenziwa kube kanye, kodwa ke ukuba ufunyaniswe ungafanelekanga ngokwezonyango ungangenisa elinye ibango ukuba ukholelwa ekubeni uye waqalwa yi-TB enxulumene nomsebenzi okanye yi-silicosis emva koko. Iindleko zohlolo lwezonyango zebango lesibini ziya kuthwalwa ngumenzi webango. Nangona kunjalo, ezi ndleko ziya kubuyekezwa ukuba umsebenzi wasemayini ufunyaniswe efaneleka ngokwezonyango. Oku kuchazwe kwi-Trust Deed.

16. Yintoni eyenziwa yiTrasti ukufumana abantu abafanelekayo ukwenza ibango?

ITrasti ibonana rhoqo neManyano yaBasebenzi baseMayini, uRhulumente, imibutho yasekuHlaleni, u-TEBA kunye neminye imibutho ephambili ebandakanyekayo nebilulutho ekuncediseni kulo msebenzi wokufumana abasebenzi basemayini. Sikwasebenzisa namaqonga awohlukileyo esoshiyali midiya.

17. Ingaba iTrasti isikelwe amanani amabango ewamkelayo newasebenzayo?

Akukho nani lisikelweyo lamabango esiwamkelayo. Nawuphi umenzi webango ofanelekayo nonebango elifanelekayo ngokungqinwe nangokuqinisekiswe yiTrasti uya kufumana imbuyekezo emfaneleyo.

18. Ukuba bendifake ibango eQhubeka Trust, ndinganakho nokufaka ibango eTshiamo Trust?

Hayi, imbuyekezo efumanekayo eTshiamo Trust ayibhekisi kwabo babeyinxalenye yesivumelwano sentlawulo seQhubeka Trust neseBlom, okanye kwabo bakhethe ukuphuma kwesi sivumelwano ngexesha lokukhetha ukuphuma ngo-2019.

19.Ingaba iTshiamo Trust kunye Medical Bureau for Occupational Diseases (“MBOD”) zisebenzisana njani?

ITrasti isebenzisana ne-MBOD ukuze ifumane iinkcukacha ngabenzi bamabango abafanelekayo nabebefake amabango ngaphambili ukwenzela ukubuyekezwa yi-MBOD. Sikwazama nokukuphepha ukuphindaphidwa kweenzame eziphathelele abenzi bamabango abafanelekayo ukuba bafumane izibonelelo kuzo zombini iTrasti ne-MBOD.